

Proverb 3.: Umuntu Ngumntu Ngabantu.

- Nkosikazi Magaqa:** Heyi wethu Nontombazana, wuu, khaw..., ndicel' undiphathise ntomb' apha.
- Nontombi:** Owu, wethu sisi!
- Nkosikazi Magaqa:** Yhu mntakamama!
- Nontombi:** Ndiza' yiphatha ngokwam le.
- Nkosikazi Magaqa:** Yho! Ndiyabulela ke ntombi.
- Nontombi:** Ewe wethu sisi.
- Nkosikazi Magaqa:** Hay' undincedile . Noba undisondeze nje apha.
- Nontombi:** Ubuseluhambeni na wethu sisi?
Ubuseluhambeni?
- Nkosikazi Magaqa:** Ewe wethu Nontombi man, kaloku uyaqonda?
Bendiyothenga ezi mpahla.
Ndithengis'iimpahla mos, uyandiqonda?
- Nontombi:** Ooooo! Okheyi.
- Nkosikazi Magaqa:** Ke ngoku beziphisa ke mntakamama. Yhuuu!
Ziyandisinda. Amaxabiso ke ebephantsi
kakhulu ... [akavakali ngenxa yomoya]
- Nontombi:** Okheyi. Ndixakene nokungabi namali kaloku.
- Nkosikazi Magaqa:** Ewe sisi, man! Ewe Nontombi.
- Nontombi:** Ndihleli nje apha elokshini.
- Nkosikazi Magaqa:** Isikolo phofu ume ndawoni sona kuso?
- Nontombi:** Isikolo? Ndinayo i-diploma.
Ndamfu...ndapasa ibanga leshumi....ngoku
umsebenzi, awufumaneki umsebenzi.
- Nkosikazi Magaqa:** Yhu mntan'am ndiyayazi into
yokungaphangeli.
- Nontombi:** Yhu! Sisi!
- Nkosikazi Magaqa:** Mna Ke Ndibethwa Kukungabi Nasikolo
Mntan'am.
- Nontombi:** E-E, Sisi.
- Nkosikazi Magaqa:** Ndinewari ke ngoku xa usithi ufunde kangaka

	ntombi, ungfumani umsebenzi!
Nontombi:	Yhu! Umhle kangaka akufundanga!
Nkosikazi Magaqa:	Eeyi, hee! Ndincedwa ngumyeni wam. (Kukho umoya, asiva [It is windy, we can't hear]) Mamela ke, ifowuni yakho ithini? Ina, yifake apha. Faka apha. Uyaqonda?. Ze ndithi ke ngoku kumyeni wam ke ngoku akubonelele.
Nontombi:	Nantsi ke sisi.
Nkosikazi Magaqa:	Uyabona?
Nontombi:	Ewe sisi.
Nkosikazi Magaqa:	Ewe ntombi. Hamba, hayi, enkosi ke Nomama.
Nontombi:	Okhei ke sisi.
Nkosikazi Magaqa:	Hayi noko ndiza kuthatha ngokuzingenisa nje xa ndilapha nje.
Nontombi:	Hayi ke ndakubona ke sisi.
Nkosikazi Magaqa:	Ewe mama!
Nontombi:	Ndakuva ngawe ke mama.
Nkosikazi Magaqa:	Ewe man, Nontombi man!

(UNkosk Magaqa ungena emzini wakhe. Umyeni wakhe uxakekile usebenza kwikhompyutha. Kuvakala ilizwi.)

Nkosikazi Magaqa:	Nkqo, nkqo.
Vakele (Mnu Magaqa):	Ngaphakathi.
Nkosikazi Magaqa:	Yhuu, bethuna!
Vakele:	Tyhini nkosikazi, nguwe?!
Nkosikazi Magaqa:	Yhu! Ewe ntombi ndim baby...
Vakele (Mnu Magaqa):	Tyhini , kwaphela nothando na mfaz'wam?.
Nkosikazi Magaqa:	Yhu iza. Yhu!Yhu!Yhu!
Vakele:	Tyhin'! Yhooo! Heke, heke!
Nkosikazi Magaqa:	Yhu hayi intomb'endal'idiniwe ngoku.
Vakele:	Ewe maan.

- Nkosikazi Magaqa:** Yhu! Umyeni wam ntombi. Unjani kodwa?
- Vakele (Mnu Magaqa):** Ndiyaphila maan nkosikazi.
- Nkosikazi Magaqa:** Mhmm.
- Vakele (Mnu Magaqa):** Ntonje ndiphethwe ngulo msebenzi
- Nkosikazi Magaqa:** Ewe.
- Vakele:** Mnintsi, mnintsi.
- Nkosikazi Magaqa:** Yhu! Ndiyakubona maan, ndiyakubona, ndiyakubona.
- Vakele (Mnu Magaqa):** Kaloku andinaye nomntu onokundinceda kwezi zinto, noko onabo ubuchwepheshwa kwezinye zezi zinto ndizenzayo, ngoku ke ndiyadinga. Kuyanyenzeleka ukuba umsebenzi ndibuye nawo ndiz' endlini.
- Nkosikazi Magaqa:** Kuba umninzi.
- Nkosikazi Magaqa:** Tyhini uncede wathetha ngento yokungabi namncedisi. Yhazi le ntombazana ibindiphathisa apha. Ifunde yada yayityekeza imfundo yayo.
- Vakele (Mnu Magaqa):** (Mnu Magaqa): Tyhini!
- Nkosikazi Magaqa:** Kambe udinga umsebenzi qha umntan'abantu...
- Vakele (Mnu Magaqa):** Ungandinceda nkosikazi undiphe iinombolo zayo...
- Nkosikazi Magaqa:** Yhu tata, soze ndingakuphi.
- Vakele:** Khe ndiyitsalel'umnxeba.
- Nkosikazi Magaqa:** Yhu indincedile laa ntombi kaloku, ndisindwa apha.
- Vakele (Mnu Magaqa):** Khandiphe wena nkosikazi iinombolo zayo. Zizo ezi?
- Nkosikazi Magaqa:** Mh! Mh! Kambe bethu uyafumaneka onk'amaxesha.
- (Uyafowuna uVakele)*
- Vakele (Mnu Magaqa):** Awu nkosikazi kutheni na engayibambi ifowuni?

- Nkosikazi Magaqa:** Hay'uzza yibamba ,uzza yibamba tata.
- Vakele (Mnu Magaqa):** O ! Molo ntombi. Unjani? Uthetha noMnumzana Magaqa.
- Nontombi:** (*akavakali ukuba uthini efowunini.*)
- Vakele (Mnu Magaqa):** Ewe ntombi yam. Ndicela ufile apha endlini ntombi, ngoba ndivile ngonkoskazi malunga nento yomsebenzi owufunayo. Ikhona nje intw'end' funa sincokole ngayo. Enkosi. Umama lo ubumkhawulel'estopini ntomb'am. Heke! Guye nqo. Enkosi ke ntomb'am.
- (Kuyankqonkqozwa)
- Nkosikazi Magaqa:** Ngena!
- Nontombi:** Whu! Molweni, molweni molweni.
- Nkosikazi Magaqa:** Tyhin' ewe ke, ewe ke ntombi.
- Nontombi:** Ninjani kodwa ngempilo?
- Nkosikazi Magaqa:** Siphilile ntombi. Akukho nto ntomb'am. Akukho nto nakuwe?
- Nontombi:** Hayi nakuthi kuhle. Siyacenga nje.
- Nkosikazi Magaqa:** Mh mh.Tata, nanku k' ufikile uNongquzana.
- Vakele (Mnu Magaqa):** O. Guye lo?
- Nkosikazi Magaqa:** Kunjani ngento ephungwayo?
- Vakele (Umnu Mgaqa):** O. Molo ntomb' am.
- Nontombi:** Ewe molo tata.
- Vakele (Umnu Mgaqa):** Kunjani ntombi?
- Nontombi:** Siyaphila akhonto. Kunjani kuwe tata?
- Vakele (Mnu Magaqa):** Kuhle ntombi yam. Ndive ngonkosikazi ukuba ufunde wada wayityekeza.
- Nontombi:** Mh mh tata.
- Vakele (Mnu Magaqa)** Ngoku ke ntombi ndifun' ukunik' umsebenzi.
- Nontombi:** (*waphakama waxhuma esitulweni ngenxa yovuyoo*)

- Vakele (Mnu Magaqa):** Yhu! Andisavuyi tata.
- Nontombi:** Ngoba ndiding'umntu wokundincedisa kulo msebenzi wam.
- Vakele (Mnu Magaqa):** Yhu! Ndiyabulela.
- Nontombi:** Mninzi, mninzi uyandixaka.
- Nontombi:** Ndiyabulela tata. Yhu nd'yabulela, Andiyazi ndingakubulela ngantoni. Yhu ndiyabulela tata. Yhu!
- Vakele (Mnu Magaqa):** Hay' ntomb'am wena. Akho--, sukuba naxhala.
- Nontombi:** E-e, tata.
- Vakele (Mnu Magaqa):** Nje wena ukuba ubunokuqala nokuba kungomso, ndingayivuyela loo nto.
- Nontombi:** Yhu hayi ndingaqala ngomso tata, akho ngxaki. Hayi akukho ngxaki, tata.
- Vakele (Mnu Magaqa):** Kuhle ke ntombi yam.
- Nontombi:** E-e tata.
- Nkosikazi Magaqa:** Bamba ntombi.
- Nontombi:** Yhu ndiyabulela tata. Yhu! Hayi zintle ezi ndaba!
- Nkosikazi Magaqa:** Mh mh.
- Nontombi:** Yhu he e e. Ndz'atsho ndiye'kukuba yintlekisa. Yhu! Tyhini, he e e! Kwakunini ndandifundile!
- Vakele (Mnu Magaqa):** Hayi sukuba nexhala, sukuba nexhala Sowuwufumen'umsebenzi ngoku.
- Nkosikazi Magaqa:** Kaloku iyathethwa le nto nasesiXhoseni ntombi: 'Isandla sihlamb'esinye ntomb'am. Uyakhumbula ngok' ub'undincede ndisindwa?
- Nontombi:** Ewe ndiyakhumbula.
- Nkosikazi Magaqa:** Ewe bhabha wam. Yhu!
- Vakele (Mnu. Magaqa):** Ewe kaloku mntan'am nesiXhosa siyayitsho le nto ukuba, 'umntu' ngumntu ngabantu.'
- Nontombi:** Ewe.